Shuter & Shooter
PUBLISHERS (PTY) LTD

CAPS APPROVED

# ISICWANGCISO NOKULANDELE

Ingafumaneka kule webhusayithi: www.shuters.com

# IsiXhosa Ngumdiliya

Ibanga

**8**










## PHOTOCOPIABLE

OS1001287

**UNCEDO LWABATHENGI**

**LOLUHLU LUYAFUMANEKA LUNGAMA-E-BOOKS**

www.shuters.com

Tel: +27 (0)33 846 8721 / 22 / 23 • Fax: +27 (0)33 846 8701
sylvie@shuter.co.za • robert@shuter.co.za • tiny@shuter.co.za • thandeka@shuter.co.za

SHUTERS e LEARNING

# IsiXhosa Ngumdiliya Ibanga 8

## Ikota yoku-1

| Iveki | Isihloko | Amanqaku katishala |
|---|---|---|
| **Iveki yoku-1 yesi-2** | **Ukonwaba yimpilo nobomi**<br>**Incwadi Katitshala:**<br>**Amaphepha 1-9**<br>**Incwadi Yomfundi:**<br>**Amaphepha 1-14** | |
| | **Ukuphulaphula nokuthetha (Iiyure: 2)** | |
| | **Ubuchule bokuphulaphula nokuthetha:**<br>**A. Ingxoxo yeqela**<br>**Umsebenzi owenziwayo:** Baphendula imibuzo ebuzwa ngutitshala emalunga nengxoxo yeqela. Kuxoxa ngokuthe gabalala ngolwazi abathe balufumene kwingxoxo leyo yeqela. | |
| | **Ukufunda nokubukela (Iiyure: 3:30)** | |
| | **Itekisi yoncwadi enjengamabali amafutshane olutsha:**<br>**Umsebenzi owenziwayo:**<br>Baphulaphula ibali elifutshane abalifundelwa ngutitshalaUtitshala uyabahlula babe ngamaqela. Kwiqela ngalinye kuxoxwa ngeli bali.Utitshala ubabuza imibuzoemalunga nebali elo. | |
| | **Ukubhala nokunikezela (Iiyure: 4:30)** | |
| | **Ukubhala isincoko esibalisayo:**<br>**Umsebenzi owenziwayo:** Kuxoxwa ngendlela esahluke ngayo isincoko esibalisayo kwezinye iintlobo zezincoko. **Phambi kokubhala kugxininiswa kule miba ilandelayo:** Ukucwangcisa, ukwenza uyilo, ukuhlaziya, ukuhlela ukulungisa iziphene nokunikezela. | |
| | **Imiba yegrama nolwimi (Iiyure: 1)** | |
| | **Izakhi nemigaqo yokusetyenziswa kolwimi: Imisetyenzana eyenziwayo: Izakhi zezibizo: iindidi zezibizo, izakhi zezibizo:** Isimaphambili, ingcambu, isimava, isinye, isininzi; intloko; isivisa; injongosenzi; isivumelananisi sentloko nesenzi; ukwakhiwa ngezivakalisi;izithetha- ntonye;izichasi;uqhawulo-magama; ukusebenzisa isichazi-magama; isingxi; ikoma; ikholoni; isemi- kholoni; uphawu lokubuza; uphawu lokhuzo. | |
| | **Indlela yokuhlola** | |
| | Baphendula imibuzo katitshala. Bazivavanya ngokuphendula imibuzo esekupheleni kwesiqendu.<br>Ushwankathelo olukwisazo- zobe sokucinga lwenza ukuba bazikhangele kumba ngamnye okhankanyiweyo kuso ukuba ingaba bawulandele na. | |


Shuter & Shooter PUBLISHERS (PTY) LTD

| Iveki | Isihloko | Amanqaku katishala |
| --- | --- | --- |
| **Iveki yesi-3 neyesi-4** | **Ubumdaka lutshaba lwempilo**<br>**Incwadi Katitshala:**<br>**Amaphepha 10-17**<br>**Incwadi Yomfundi:**<br>**Amaphepha 15-27** | |
| | **Ukuphulaphula nokuthetha (Iiyure: 2)** | |
| | **Ubuchule bokuphulaphula nokuthetha:**<br>Ukuphulaphula intetho (kapresidenti/ilungu elinempembelelo ekuhlaleni).<br>**Umsebenzi owenziwayo:**<br>Baphulaphula kutitshala ebacha- zela kwaye ebabonisa umzekelo wokwenziwa kwentetho elungiselelweyo.<br>Bafunda indlela yokukhetha isihloko esifanelekileyo, ukuchonga isigama esisiso nezakhi zolwimi, ukulungisa intshayelelo nesiphelo esifanelekileyo. Ukuxoxa ngeempawu zentetho elungiselelweyo. | |
| | **Ukufunda nokubukela (Iiyure: 3:30)** | |
| | **A. Ukufunda intetho: Umsebenzi owenziwayo:**<br>Kuxoxwa ngokuthe gabalala ngolwazi abalufumana kwintetho.<br>**B. Ukubukela Itekisi ebonwayo ngenjongo yokuqonda:**<br>Umsebenzi owenziwayo: Itekisi ebonisa ulwazi olufumaneka kwimifanekiso nendlela ulwimi olusetyenziswe ngayo. Ukubonakalisa ukuqonda. | |
| | **Ukubhala nokunikezela (Iiyure: 4:30)** | |
| | **A. Ukubhala intetho:** Kuxoxwa ngezinto ezibalulekileyo neziphambili xa kubhalwa intetho.<br>**Umsebenzi owenziwayo:** Utitshala ubaxhobisa ngezixhobo eziphambili kubhalo lwentetho, nangelixa kuqhutywa umsebenzi wokwenza intetho, izijekulo, ukujongq ngqo ebantwini njalo-njalo. | |
| | **Imiba yegrama nolwimi (Iiyure: 1)** | |
| | **Izakhi nemigaqo yokusetyenziswa kolwimi: Imisetyenzana eyenziwayo:**<br>Izibizo ezimbaxa, isimapha mbili, isimamva, izikhankanyi, izinciphiso, isandiso. Izenzi: ezithatha injongosenzi nezingathathi injongosenzi. Amabinzana ezenzi, amagatya ezenzi:<br>Isivakalisi esiyintloko, amabinzana ezibizo,izihlanganisulwimi, oluchukumisayo noqhathayo, izithetha-ntonye;izichasi, zafobe, uphawu lokhuzo,uphawu lombuzo,iko ma, isingxi, isifinyezo, izishunq ulelo. | |
| | **Indlela yokuhlola** | |
| | Baphendula imibuzo katitshala. Baphendula imibuzo yovavanyo esekuphe- leni kwesiqendu.<br>Ushwankathelo olukwisazobe sokucinga, lwenza kube lula ukuba bazikhangele kumba ngamnye okhankanyiweyo ukuba ingaba bawulandele na. | |

| Iveki | Isihloko | Amanqaku katishala |
|---|---|---|
| **Iveki yesi-5 neyesi-6** | **Iziyobisi ngumbulalazwe**<br>**Incwadi Katitshala:**<br>**Amaphepha 18-28**<br>**Incwadi Yomfundi:**<br>**Amaphepha 28-39** | |
| | **Ukuphulaphula nokuthetha (Iiyure: 2)** | |
| | **Ubuchule bokuphulaphula nokuthetha:**<br>**A. Ingxoxo zamaqela ngeetekisi ezibonwayo.**<br>**Umsebenzi owenziwayo:** Baphulaphulela ukuvuselela ulwazi nokuphendula imibuzo ethi ibuzwe ngutitshala malunga nengxoxo zamaqela ngeetekisi ezibonwayo.<br>B. Isicatshulwa esiphulaphulwayo: baphulaphulwa isicatshulwa ngenjongo zokuqondisisa oko sikuthethayo. Kukwabalulekile nokubuza imibuzo kwezo ndawo bangaqondi kuzo. | |
| | **Ukufunda nokubukela (Iiyure: 3:30)** | |
| | **Ubuchule bokufunda**<br>**A. Itekisi yoncwadi Amabali amafutshane**<br>**Umsebenzi owenziwayo:**<br>Baphulaphule ibali elifutshane elifundwa ngutitshala, amagama abaqala ukuweva bawabhala phantsi kwincwadi zabo ukuze bacele utitshala abaxelele intsingiselo zawo ukuba unalo ithuba lokwenza oko.<br>**B. Isihobe:**<br>Baphulaphule utitshala ebafundela umbongo baze baphendule imibuzo abayibuzwa ngutitshala engeempawu eziphambili zombongo, Isakhiwo<br>sangaphandle. Abafundi baqaphela ngendlela ulwimi olusetyenziswe ngalo. | |
| | **Ukubhala nokunikezela (Iiyure: 4:30)** | |
| | **Iitekisi zonxibelelwano: Ileta yobuhlobo**<br>**Umsebenzi owenziwayo:** Kuxoxwa ngendlela eyahluke ngayo ileta yobuhlobo kwileta yoburhulumente. Phambi kokubhala kugxininiswa kule miba ilandelayo: Ukucwangcisa, ukwenza uyilo, ukuhlaziya, ukuhlela, ukulungisa iziphene nokunikezela. | |
| | **Imiba yegrama nolwimi (Iiyure: 1)** | |
| | **Izakhi nemigaqo yokusetyenziswa kolwimi: Imisetyenzana eyenziwayo:**<br>**Isihlomelo s**obunjani, esexesha, esendawo, izichazi, izihlanganisi. izivakalisi ezilula, izivakalisi ezimbaxa, izithethantonye, izichasi, izafobe, isifaniso, isikweko, isimntwiso, ubaxo/ubabazo, isingxi, ikoma, ikholoni. | |
| | **Indlela yokuhlola** | |
| | Baphendula imibuzo katitshala. Bazivavanya ngokuphendula imibuzo esekupheleni kwesiqendu.<br>Bafunda ushwankathelo olukwisazobe sokucinga, bazikhangele kumba ngamnye okhankanyiweyo kwisazobe, ukuba ingaba bawulandele na. | |
| **Iveki yesi-7 neyesi-8** | **Ngomhla womtshato**<br>**Incwadi Katitshala:**<br>**Amaphepha 29-40**<br>**Incwadi Yomfundi:**<br>**Amaphepha 40-56** | |



Shuter & Shooter PUBLISHERS (PTY) LTD

| Iveki | Isihloko | Amanqaku katishala |
|---|---|---|
| | **Ukuphulaphula nokuthetha (Iiyure: 2)** | |
| | **Ubuchule bokuphulaphula nokuthetha: Intetho engalungiselelwanga kwinqaku lephepha- ndaba okanye imagazini. Umsebenzi owenziwayo:**<br>Baveza ulwazi lwabo oluthe gabalala lwangaphambili malunga nokwenziwa kwentetho engalungiselelwanga.<br>Baphulaphula kutitshala ebachazela kwaye ebabonisa umzekelo wendlela yokwenziwa kwentetho engalungiselelwanga. | |
| | **Ukufunda nokubukela (Iiyure: 3:30)** | |
| | **A. Ukufunda inqaku lephephandaba okanye lemagazini: Umsebenzi owenziwayo:**<br>Baphendula imibuzo utitshala ababuza yona ngenjongo yokubonakalisa ukuba baqondile.<br>**B. Isihobe**<br>Utitshala ubafundela umbongo aze abaxelele ngeempawu eziphambili zombongo. Kwakhona ubabuza imibuzo ngenjongo zokuqonda ukuba balandele na oko ebekufundisa. | |
| | **Ukubhala nokunikezela (Iiyure: 4:30)** | |
| | **Itekisi zonxibelelwano: Inqaku lemagazini**<br>**Umsebenzi owenziwayo:** Utitshala uza eklasini ephethele abafundi iimagazini. Ukubafundisa ngendlela yokubhala inqaku lemagazini. Bafumana ulwazi lokubhala inqaku lemagazini ngokuthi utitshala abanike imigaqo yokubhalwa kwenqaku lemagazini. Utitshala uyabayalela ukuba babhale awabo amanqaku emagazini. | |
| | **Imiba yegrama nolwimi (Iiyure: 1)** | |
| | **Izakhi nemigaqo yokusetyenziswa kolwimi: Imisetyenzana eyenziwayo:**<br>Izikhuzo, izichazi: iziphawuli,izimelabizo: esoqobo,esoqobo sokugxininisa,izivakalisi ezilula, izivakalisi ezimbaxa, ixesha langoku, ixesha eladlulayo, ixesha elizayo, ukuxhasa icala elinye, ulwimi olucengayo noluvuselela umxholo, iingcinga okanye intetho esoloko isetyenziswa njalo ebonisa abantu abathile ngohlobo oluthile. Izafobe, isigama ngokusemxholweni intsingiselo ecingelwayo/ efihlakeleyo, iimpawu zocaphulo, ikoma, isingxi, uphawu lokhuzo, isimeli-nombumba, ukushiywa kwamagama kwisivakalisih. | |
| | **Indlela yokuhlola** | |
| | Baphendula imibuzo katitshala. Bazivavanya ngokuphendula imibuzo esekupheleni kwesiqendu. Bafunda ushwankathelo olukwisazobe sokucinga, bazikhangele kumba ngamnye okhankanyiweyo kwisazobe ukuba ingaba bawulandele na. | |
| **Iveki yesi-9 neye-10** | **Amaqhawe ezemidlalo**<br>**Incwadi Katitshala:**<br>**Amaphepha 41-49**<br>**Incwadi Yomfundi:**<br>**Amaphepha 57-69** | |

| Iveki | Isihloko | Amanqaku katishala |
|---|---|---|
| | **Ukuphulaphula nokuthetha (Iiyure: 2)** | |
| | **Ubuchule bokuphulaphula nokuthetha :**<br>**A. I-orali: udliwano-ndlebe/ ukuzalisa uxwebhu lwemibuzo yengxelo/ingxoxo yeqela.**<br>Umsebenzi owenziwayo: Baphulaphula utitshala ebafundela, ebaxelela ngengxoxo yeqela aze ababuze imibuzo ngoko ebekufunda.<br>**B. Isicatshulwa esiphulaphulwayo:**<br>Baphulaphulwa isicatshulwa eso utitshala ebafundela zona. Bathatha amanqaku<br>kwezo ndawo bangaziqondiyo ngokuthi bawabhale phantsi, babuzwa imibuzo ngutitshala ukuzama ukuqonda ukuba bayakwazi Ukuphendula. | |
| | **Ukufunda nokubukela (Iiyure: 3:30)** | |
| | **A. Ukufunda ingxelo yophando: Umsebenzi owenziwayo:**<br>Utitshala ubafundisa ingxelo yophando. Ubaxelela ngokubanzi ngeempawu eziphambili zengxelo. Utitshala ubabuza imibuzo ngengxelo leyo ukuzama ukuqonda ukuba baphulaphule na.<br>**B.** Abafundi baphulaphule umbongo abawufundelwa ngutitshala obhalwe kwitshathi. Uyawufunda utitshala ze abafundi balandele, kwakhona uyabafundisa ngeendidi zombongo. Uyabaxelela ngokubaluleka kwezitanza, yaye Izitanza zenziwe yimiqolo. | |
| | **Ukubhala nokunikezela (Iiyure: 4:30)** | |
| | **A. Itekisi emfutshane umz. Ingxelo yophando:**<br>**Umsebenzi owenziwayo:**<br>Bayaxoxa ngendlela yokubhala ingxelo yophando. Utitshala ubaxelela imigaqo enxulumene nokubhalwa kwenqaku yengxelo yophando. Ebabonisa ngendlela yokuqokelela ulwazi. Bayalelwa ngutitshala ukuba babhale ezabo ingxelo zophando. | |
| | **Imiba yegrama nolwimi (Iiyure: 1)** | |
| | **Izakhi nemigaqo yokusetyenziswa kolwimi:**<br>**Imisetyenzana eyenziwayo:**<br>Izenzi, izikhankanyi, izimelabizo: Esokwalatha, esoquko. Intetho ngqo nengxelo ntetho, intetho, imibuzo, ixesha langoku neladlulayo, ukuxhasa icala elinye, iingcinga okanye intetho esoloko isetyenziswa njalo, ebonisa abantu abathile ngohlobo oluthile, izithetha-ntonye, izichasi, iintsingiselo zamagama ngokusemxolweni, intsingiselo ecingelwayo/efihlakeleyo, isingxi, ikoma, onobumba abakhulu, ukulungisa iziphene. | |
| | **Indlela yokuhlola** | |
| | Baphendula imibuzo katitshala. Bazivavanya ngokuphendula imibuzo esekupheleni kwesiqendu.<br>**Imisebenzi yokuhlola esesikweni nenyanzeleki- leyo:**<br>**Umsebenzi woku-1: I-Orali Umsebenzi wesi-2: Ukubhala: Isincoko Umsebenzi wesi-3: Uvavanyo loku-1: Isicatshulwa nokusetyenziswa kolwimi.** | |

## Ikota yesi-2

| Iveki | Isihloko | Amanqaku katitshala |
|---|---|---|
| **Iveki yoku-1 neyesi-2** | **Kubalulekile ukulandela imiyalelo**<br>**Incwadi Katitshala:**<br>**Amaphepha 52-60**<br>**Incwadi Yomfundi:**<br>**Amaphepha 77-91** | |
| | **Ukuphulaphula nokuthetha (Iiyure: 2)** | |
| | **Ubuchule bokuphulaphula nokuthetha:**<br>**A. Isicatshulwa esiphulaphulwayo**<br>**Umsebenzi owenziwayo:**<br>Baphulaphule ngobunono utitshala ebafundela isicatshulwa. Baphendula imibuzo ebuzwa ngutitshala emalunga nesicatshulwa eso. Babhala amanqaku kwincwadi zabo ukuze abo bangaphulaphulanga kakuhle bacele utitshala abacacisele.<br>**B. Ukunika izalathisi:**<br>Baphulaphula utitshala ebafundisa ngezalathisi, ekwabaxelela ukuba kubalulekile ukusebenzisa izalathisi nokuba luncedo kwazo ebantwini. Ubaxelela kwakhona ukuba izalathisi zifumaneka kwimephu. | |
| | **Ukufunda nokubukela (Iiyure: 3:30)** | |
| | **A. Ukufunda Itekisi ebonwayo enika ulwazi:**<br>**Umsebenzi owenziwayo:** Utitshala ungena eklasini ephethe imephu. Unika abantwana ulwazi ngokubabuza ngemephu.<br>**B. Isihobe**<br>**Umsebenzi owenziwayo:**<br>Ubafundela umbongo, bazibone ngokwabo iimpawu eziphambili zombongo. Uyabakhuthaza baphendule imibuzo emalunga nombongo lowo.<br>Ukubukela iitekisi ezibonwayo: Uyabayalela baqwalasele umfanekiso, ubahlula babe ngamaqela, uyabakhuthaza baxoxe ngomfanekiso kumaqela abo. Kwiqela ngalinye kubakho umfunndi otolika umfanekiso lowo ukuze baxoxe kumaqela abo ngoko kusemfanekisweni. | |
| | **Ukubhala nokunikezela (Iiyure: 4:30)** | |
| | **Ukubhala iitekisi ezimfutshane: Umsebenzi owenziwayo:**<br>Utitshala ubabuza imibuzo ngemiyalelo. Bayaxoxa ngokunikwa kwemiyalelo, baxelele utitshala ngemiyalelo nabantu abathe babanika imiyalelo. Uvula ithuba utitshala ukuba baxoxe kumaqela abo. Ukuze yena ahambe-hambe phakathi kwabo ukuze aqonde ukuba baya kulandela oko bakufundayo. | |
| | **Imiba yegrama nolwimi (Iiyure: 1)** | |
| | **Izakhi nemigaqo yokusetyenziswa kolwimi: Imisetyenzana eyenziwayo:**<br>Izichazi: izibaluli, izibizo, izihlanganisi, intloko yesivakalisi, intetho ephambili nexhasayo, ixesha elizayo, izivakalisi ezilula nezimbaxa, izithetha-ntonye, izichasi, izafobe, upelo, ipateni, isingxi, ikoma. | |
| | **Indlela yokuhlola** | |
| | Baphendula imibuzo katitshala. Bazivavanya ngokuphendula imibuzo esekupheleni kwesiqendu.<br>Bafunda ushwankathelo olukwisazobe sokucinga, bazikhangele kumba ngamnye okhankanyiweyo kwisazobe ukuba ingaba bawulandele na. | |

| Iveki | Isihloko | Amanqaku katishala |
|---|---|---|
| **Iveki yesi-3 neyesi-4** | **Unxibelelwano**<br>**Incwadi Katitshala:**<br>**Amaphepha 61-71**<br>**Incwadi Yomfundi:**<br>**Amaphepha 92-103** | |
| | **Ukuphulaphula nokuthetha (Iiyure: 2)** | |
| | **Ubuchule bokuphulaphula nokuthetha:**<br>**A. Ingxoxo yephaneli:**<br>Kuxoxwa banzi malunga nemiba ephambili xa kusenziwa ingxoxo yephaneli.<br>**Umsebenzi owenziwayo:**<br>**B. Ingxoxo:**<br>Abafundi bamamele utitshala ebaxelela ngengxoxo yephaneli.<br>Abafundi bamamele indlela afunda ngayo nendlela amagama awacacisa ngawo. | |
| | Ukufunda nokubukela (Iiyure: 3:30) | |
| | **Itekisi yoncwadi: Ingxoxo erekhodiweyo yeforam:** Isicatshulwa sengxoxo yeforam<br>**Umsebenzi owenziwayo:** Utitshala ungena ebhale ingxoxo yeforam kwitshati. Uyabayalela ukuba bafunde ingxoxo leyo bebolekisana ngokufunda, abo bangafundanga babhala amanqaku kwincwadi zabo ukuze bacele utitshala abacacisele kwindawo abangacacelwanga kuzo.<br>**B. Isihobe:**<br>Imiba ephambili kwisakhiwo sedrama, uthelekiso kwezinye iintlobo zoncwadi. Bazilolonga ukuqonda kwesi sifundo ngokuphe- ndula imibuzwana enxulumene naso. | |
| | **Ukubhala nokunikezela (Iiyure: 4:30)** | |
| | Isincoko esinocamngco:<br>Kuxoxwa ngentsingiselo yolu hlobo lwesi ncoko. Ubume baso.<br>Umsebenzi owenziwayo: Kufundwa umzekelo wesincoko socamngco, kulandelwa amanqa- naba okufunda, ukuze bafumane intsingiselo yokuba luvezwe kanjani na ucamngco kwesi sinco- ko. Babhala ezabo izincoko bese- benzisa ulwazi abalufumeneyo. | |
| | **Imiba yegrama nolwimi (Iiyure: 1)** | |
| | **Izakhi nemigaqo yokuse- tyenziswa kolwimi: Imisetyenzana eyenziwa-yo:**<br>Babonakalisa ulwazi lwabo lolwimi ngokunika iintsingiselo zamagama akwisifundo. Uhlobo nexe- sha lezenzi ezithile ezikhe- thiweyo. Izifanekisozwi, izihlomelo, oomabizwafa- ne, izichasi. | |
| | **Indlela yokuhlola** | |
| | Baphendula imibuzo katitshala. Bazivavanya ngokuphendula imibuzo esekupheleni kwesiqendu.<br>Bafunda ushwankathelo olukwisazobe sokucinga, bazikhangele kumba ngamnye okhankanyiweyo kwisazobe ukuba ingaba bawulandele na. | |
| **Iveki yesi-5 neyesi-6** | **Masincokole ngezoqoqosho**<br>**Incwadi Katitshala:**<br>**Amaphepha 72-79**<br>**Incwadi Yomfundi:**<br>**Amaphepha 104-119** | |


Shuter & Shooter PUBLISHERS (PTY) LTD

| Iveki | Isihloko | Amanqaku katitshala |
|---|---|---|
| | **Ukuphulaphula nokuthetha (Iiyure: 2)** | |
| | **Ubuchule bokuphulaphula nokuthetha:**<br>**A. Isicatshulwa esiphulaphulwayo:**<br>Kuxoxwa ngokubanzi malunga nokuphulaphula isicatshulwa.<br>**Umsebenzi owenziwayo:**<br>Baphulaphula ngokubanzi ukuze bafumane ulwazi. Baphendula imibuzo ebuzwa ngutitshala ngenjongo zokuqinisekisa ukuba bavile oko bebekuphulaphule.<br>**B. Udliwano-ndlebe** Kuphendulwa imibuzo phambi kokuba kwenziwe udliwano- ndlebe.<br>**Umsebenzi owenziwayo:**<br>Kufundiswa banzi ngeempawu nemigaqo yodliwano ndlebe ukukhangela ulwazi abanalo. | |
| | **Ukufunda nokubukela (Iiyure: 3:30)** | |
| | **A. Itekisi yoncwadi enjengedrama:**<br>Kuxoxwa gabalala malunga nedrama.<br>**Umsebenzi owenziwayo:**<br>Bafunda banzi malunga nabalinganiswa. Bayohlulwa babe ngamaqela babonisane ngeendidi zabalinganiswa.<br>**B. Isihobe:**<br>Baxoxa ngeendidi zemibongo.<br>**Umsebenzi owenziwayo:**<br>Utitshala uza nodidi lombongo kwigumbi lokufundela uze uhlahlutywe<br>**C. Isicatshulwa esifundwayo: Udliwano-ndlebe:**<br>Baxoxa ngemifanekiso ephambi kokufundwa kwesicatshulwa sodliwano-ndlebe.<br>**Umsebenzi owenziwayo:**<br>Baphendula imibuzo engesicatshulwa sodliwano-ndlebe. | |
| | **Ukubhala nokunikezela (Iiyure: 4:30)** | |
| | **Udliwano-ndlebe olubhaliweyo:**<br>Kuxoxwa ngeempawu ezifanelekileyo zesakhiwo phambi kokwenziwa kodliwano-ndlebe banzi.<br>**Umsebenzi owenziwayo:**<br>Kuxoxwa ngeengongoma ezimalunga nokubhalwa kodliwano-ndlebe. Bafunda ukwenza isicwangciso sodliwano-ndlebe. | |
| | **Imiba yegrama nolwimi (Iiyure: 1)** | |
| | **Izakhi nemigaqo yokusetyenziswa kolwimi: Imisetyenzana eyenziwayo: izihlomelo:**<br>Esobunjani, esexesha, ulwakhiwo lwezivakalisi, isivumelanisi sentloko nenjongosenzi, izivakalisi esilula, izivakalisi ezimbaxa, amagatya namabinzana, izafobe, isihlonipho, umbuzo buciko, amagama ngobunjalo, ngokwasemxholweni, ukudlala Ngamagama, iimpawu zokubhala, nopelo: Izifinyezi, iimpawu zokubuza, iimpawu zokhuzo, isingxi, ikoma. | |
| | **Indlela yokuhlola** | |
| | Baphendula imibuzo katitshala. Bazivavanya ngokuphendula imibuzo esekupheleni kwesiqendu. | |

| Iveki | Isihloko | Amanqaku katishala |
|---|---|---|
| **Iveki yesi-7 neyesi-8** | **Ngomhla womtshato**<br>**Incwadi Katitshala:**<br>**Amaphepha 80-93**<br>**Incwadi Yomfundi:**<br>**Amaphepha 120-133** | |
| | **Ukuphulaphula nokuthetha (Iiyure: 2)** | |
| | **A. Isicatshulwa esiphulaphulwayo:**<br>Kuxoxwa ngokubanzi malunga nokuphulaphula isicatshulwa.<br>**Umsebenzi owenziwayo:** Baphulaphula ngokubanzi ukuze bafumane ulwazi. Baphendule imibuzo katitshala.<br>**B. Ingxoxo yeqela:** Kuxoxwa banzi malunga nempatho-gadalala.<br>**Umsebenzi owenziwayo:**<br>Baphulaphula ngobunono ngengxoxo yeqela. Baphendule imibuzo esekelwe kwingxoxo yeqela leyo ibiphulaphulwe. | |
| | **Ukufunda nokubukela (Iiyure: 3:30)** | |
| | **A. Itekisi yoncwadi: Ibali elifutshane: Ubuchule bokufunda:**<br>Baxoxa ngeempawu eziphambili zetekisi yoncwadi.<br>**Umsebenzi owenziwayo:**<br>Kuxoxwa ngemigaqo ngemigaqo emalunga nokwenziwa kwebali elifutshane. Kufundwa umzekelo webali elifutshane ekwincwadi yomfundi. Baphendule imibuzo kutitshala.<br>**B. Isihobe:**<br>Baphendula imibuzo emalunga neempawu zombongo.<br>**Umsebenzi owenziwayo:**<br>Bafundela ukuze bakwazi ukufumana umxholo. Baphendule imibuzo ebonisa ukuba bayaqonda.<br>**C. Indlela zokufunda isicatshulwa:**<br>Kuxoxwa malunga nesicatshulwa.<br>**Umsebenzi owenziwayo:**<br>Baphulaphula ukuze bafumane ulwazi. | |
| | **Ukubhala nokunikezela (Iiyure: 4:30)** | |
| | **Kuxoxwa banzi ngerivyu:**<br>Baveza ulwazi lwabo lwangaphambili malunga nerivyu.<br>**Umsebenzi owenziwayo:**<br>Baphendula imibuzo emalunga nerivyu baze benze umsetyenzana wokwenza ezabo irivyu. | |
| | **Imiba yegrama nolwimi (Iiyure: 1)** | |
| | **Izakhi nemigaqo yokusetyenziswa kolwimi: Imisetyenzana eyenziwayo:**<br>Izixando zezenzi, ukwakhiwo lwezivakalisi, amaxesha ezenzi, intetho, isaci namaqhalo, igatya lobalulo, izafobe, isikweko, isimntwiso, ubaxo/ubabazo, isihlonipho, isifanadumo, oomabizwa-hluke, iimpawu zokubhala nokufunda. | |
| | **Indlela yokuhlola** | |
| | Baphendula imibuzo katitshala. Bazivavanya ngokuphendula imibuzo esekupheleni kwesiqendu. | |

| Iveki | Isihloko | Amanqaku katishala |
|---|---|---|
| **Iveki yesi-9 neye-10** | **Ukuhlola**<br>**Incwadi Katitshala:**<br>**Amaphepha 45-54**<br>**Incwadi Yomfundi:**<br>**Amaphepha 134-138** | |
| | **Indlela yokuhlola** | |
| | **Ukuhlola: Ikota yesi-2: Umsebenzi woku-1: I-orali:** Isicatshulwa esiphulaphulwayo / izalathisi/ ingxoxo yeforam/ yephaneli/ ingxoxo – mpikiswano.<br>**Umsebenzi wesi -2:**<br>Ukubhala imihlathana.<br>**Umsebenzi wesi-3:**<br>Uviwo lwaphakathi konyaka/ uviwo lukaJuni:<br>**Iphepha loku-1: I-orali** Ukufunda ngokuvakalayo / ukuphulaphula nokuthetha. **Iphepha lesi-2: Ukubhala: Icandelo A: Isincoko. Icandelo B: Imihlathi. Iphepha lesi-3: Icandelo A:** Isicatshulwa nokusetyenziswa kolwimi.<br>**Icandelo B: Isihobe.**<br>**Icandelo C: Inoveli** | |

## Ikota yesi-3

| Iveki | Isihloko | Amanqaku katishala |
|---|---|---|
| **Iveki yoku-1 neyesi-2** | **Isifo ugawulayo**<br>**Incwadi Katitshala:**<br>**Amaphepha 97-106**<br>**Incwadi Yomfundi:**<br>**Amaphepha 139-150** | |
| | **Ukuphulaphula nokuthetha (Iiyure: 2)** | |
| | **Ubuchule bokuphulaphula nokuthetha:**<br>**A. Isicatshulwa esiphulaphulwayo:**<br>Kuxoxwa ngokubanzi malunga nokuphulaphula isicatshulwa. Umsebenzi owenziwayo: Baphulaphula ngokubanzi ukuze bafumane ulwazi oluphangaleleyo. Baphendula imibuzo evela kutitshala.<br>**B. Ingxoxo yeqela:**<br>Kuxoxwa banzi ukubonisa inxaxheba ethathwa ngabafundi.<br>**Umsebenzi owenziwayo:**<br>Abafundi bamamela utitshala ebafundela ingxoxo yeqela. Baphendula imibuzo kutitshala ukukhangela ulwazi lwabo. | |
| | **Ukufunda nokubukela (Iiyure: 3:30)** | |
| | **A. Itekisi yoncwadi/ idrama:**<br>Abafundi baveza ulwazi abanalo malunga neendidi zabalinganiswa. Umsebenzi owenziwayo: Bafunda Bafunda inkcazelo emalunga nabalinganiswa.<br>**B. Isihobe:**<br>Baxoxa ngokubanzi malunga nesakhiwo sangaphandle. Umsebenzi owenziwayo: Baphendula imibuzo emalunga ngeempawu zombongo. Bafundela ukuze bakwazi ukufumana ulwazi.<br>**C.** Indlela zokufundela ukuqonda: Kuxoxwa ngeendlela zokufunda iitekisi.<br>**Umsebenzi owenziwayo:**<br>Bafunda isicatshulwa eso ngobunono. Baphendula imibuzo baveze izimvo zabo malunga neendlela zokufunda. | |
| | **Ukubhala nokunikezela (Iiyure: 4:30)** | |
| | **Imihlathi emide: Ingxoxo yababini:**<br>Kuxoxwa banzi njengengxoxo yababini.<br>**Umsebenzi owenziwayo:**<br>Kuxoxwa ngemigaqo yengxoxo yababini. Abafundi baphendula imibuzo emalunga nengxoxo yababini abayibuzwa ngutitshala. Abafundi bafunda ngendlela ulwimi olusetyenziswe ngayo. | |
| | **Imiba yegrama nolwimi (Iiyure: 1)** | |
| | **Izakhi nemigaqo yokusetyenziswa kolwimi: Imisetyen zana eyenziwayo:**<br>**Izibizo, ixesh**a langoku, ixesha elimiyo, ixesha elidlulileyo, ixesha eladlulayo, intetho- ngqo, ingxelo- ntetho, izivakalisi ezimbaxa, izichazi, izithetha- ntonye, amagama akwitekisi, intsingiselo ecacileyo nefihlakeleyo, indlela zokupela, isingxi, ikoma, iphawu lokubuza.<br>Indlela yokuhlola<br>Baphendula imibuzo katitshala. Bazivavanya ngokuphendula imibuzo esekupheleni kwesiqendu. | |


Shuter & Shooter PUBLISHERS (PTY) LTD

| Iveki | Isihloko | Amanqaku katishala |
|---|---|---|
| **Iveki yesi-3 neyesi-4** | **Ukhuseleko ngomthetho**<br>**Incwadi Katitshala:**<br>**Amaphepha 107-112**<br>**Incwadi Yomfundi:**<br>**Amaphepha 151-164** | |
| | **Ukuphulaphula nokuthetha (Iiyure: 2)** | |
| | **Ubuchule bokuphulaphula nokuthetha:**<br>**A. Isiscatshulwa esiphulaphulwayo:**<br>Baxoxa ngesicatshulwa.<br>**Umsebenzi owenziwayo:**<br>Bamamela ngokuthe cwaka utitshala ebafundela isicatshulwa. Baphendula imibuzo abayibuzwa ngutitshala emalunga nesicatshulwa. Babhala amanqaku kwincwadi zabo zemisebenzi ukuze abo bangevanga kakuhle bacele utitshala abacacisele.<br>**B. Ingxoxo ngamaqela:**<br>Kuxoxwa malunga neengongoma eziphambili malunga nengxoxo ngamaqela.<br>**Umsebenzi owenziwayo:**<br>Abafundi baphulaphula ngobunono utitshala ebafundisa ngengxoxo ngamaqela. Abafundi baqwalasela indlela ezakhiwe ngayo izivakalisi. | |
| | **Ukufunda nokubukela (Iiyure: 3:30)** | |
| | **Ukufunda inqaku lephephandaba:**<br>Baxoxa gabalala ngemiba ephambili ngoko kubonakala kwimifanekiso.<br>**Umsebenzi owenziwayo:**<br>Bafunda ngobubanzi ngendlela yokubhala inqaku lephephandaba.<br>**B. Isihobe**<br>Bafunda umbongo obhalwe kwitshati ngutitshala.<br>**Umsebenzi owenziwayo:**<br>Bafunda ngobunono umbongo oze notitshala. Baphendula imibuzo emalunga nombongo. Baveza ulwazi lwabo gabalala. | |
| | **Ukubhala nokunikezela (Iiyure: 4:30)** | |
| | **Ukubhala ileta eya kumhleli:**<br>Kuxoxwa ngeendidi zeleta.<br>**Umsebenzi owenziwayo:**<br>Kuxoxwa Kuxoxwa ngeendidi zeleta. Phambi kokubhala kugxininiswa kule miba ilandelayo: ukucwangcisa, ukwenza uyilo, ukuhlaziya, ukuhlela, ukulungisa iziphene nokunikezela. | |
| | **Imiba yegrama nolwimi (Iiyure: 1)** | |
| | **Izakhi nemigaqo yokusetyenziswa kolwimi: Imisetyenzana eyenziwayo:**<br>Isihlomelo sobunjani, esendawo nesobungakanani, izivakalisi ezimbaxa, ulwimi oluchukumisayo nolusetyenziswa ngobuchule, inyani noluvo, ukuxhasakala elinye, ukuqal'ugwebe, izithetha-ntonye, oomabizwafane, iindlela zopelo, ikoma, isingxi, ukushiywa kwamagama, ikoma. | |
| | **Indlela yokuhlola** | |
| | Baphendula imibuzo katitshala. Bazivavanya ngokuphendula imibuzo esekupheleni kwesiqendu. | |

| Iveki | Isihloko | Amanqaku katishala |
| --- | --- | --- |
| **Iveki yesi-5 neyesi-6** | **Ukubaluleka kwelobola**<br>**Incwadi Katitshala:**<br>**Amaphepha 113-121**<br>**Incwadi Yomfundi:**<br>**Amaphepha 165-177** | |
| | **Ukuphulaphula nokuthetha (Iiyure: 2)** | |
| | **Ubuchule bokuphulaphula:**<br>**A. Intetho engalungiselelwanga:**<br>Kuxoxwa ngobubanzi ngentetho engalungiselelwanga ekuza kufundwa ngayo.<br>**Umsebenzi owenziwayo:**<br>Baphulaphula kutitshala intetho engalungiselelwanga. Bayaphulaphulana nogxa osecaleni kwakhe ngentetho zabo ezingalungiselelwanga.<br>**B. Intetho elungiselelweyo:**<br>Kuxoxwa banzi ngentetho elungiselelweyo nemigaqo elandelwayo kuyo.<br>**Umsebenzi owenziwayo:**<br>Baphulaphula kutitshala ebachaze- la imigaqo ephambili malunga nentetho elungiselelweyo. Benza eyabo imizekelo yentetho elungi- selelweyo iklasi iphulaphule. | |
| | **Ukufunda nokubukela (Iiyure: 3:30)** | |
| | **Itekisi yoncwadi enjengebali elifutshane:**<br>Kuxoxwa ngebali elifutshane.<br>**Umsebenzi owenziwayo:**<br>Baphulaphula ibali elifutshane elifundwa ngutitshala. Abafundi basebenzisa iincwadi zabo zemisebenzi ukubhala amagama abangawaziyo, ukuze bacele utitshala abacacisele iintsingiselo zawo xa enethuba loko.<br>**B. Isihobe: Kuxoxwa ngeendidi zemibongo.**<br>**Umsebenzi owenziwayo:**<br>Bamamele utitshala ebafundela umbongo aze abaxelele ngesakhiwo sangaphandle. Abafundi baphendula imibuzo abayibuzwa ngutitshala.<br>**C. Ukufunda isicatshulwa: Kuxoxwa ngesicatshulwa.**<br>**Umsebenzi owenziwayo:**<br>Bamamela isicatshulwa abasifundelwa ngutitshala. Abafundi bathatha amanqaku kwezo ndawo zingabacacelanga. Babuzwe imibuzo ngutitshala ukuqonda ulwazi lwabo. | |
| | **Ukubhala nokunikezela (Iiyure: 4:30)** | |
| | **A. Ileta yobu-hlobo:** Kuxoxwa ngendidi yeleta nemigaqo yokubhalwa kweleta yobuhlobo.<br>**Umsebenzi owenziwayo:**<br>Kuxoxwa ngemigaqo yeleta yobuhlobo. Phambi kokubhala kugxininiswa kule miba ilandelayo. Ukucwangcisa, ukwenza uyilo, ukuhlaziya, ukuhlala, ukulungisa iziphene, nokunikezela. | |
| | **Imiba yegrama nolwimi (Iiyure: 1)** | |
| | **Izakhi nemigaqo yokusetyenziswa kolwimi:**<br>Izichazi, izimelabizo, izifinyezo, ingcambu, izimaphambili, nezimamva, izibizo ezifakelwa izimamva, izivakalisi ezimbaxa, izafobe, upelo, izingxi, ikoma. | |
| | **Indlela yokuhlola** | |
| | Baphendula imibuzo katitshala. Bazivavanya ngokuphendula imibuzo esekupheleni kwesiqendu. | |

| Iveki | Isihloko | Amanqaku katishala |
|---|---|---|
| **Iveki yesi-7 neyesi-8** | **Ubuhle bendalo**<br>**Incwadi Katitshala:**<br>**Amaphepha 122-128**<br>**Incwadi Yomfundi:**<br>**Amaphepha 178-192** | |
| | **Ukuphulaphula nokuthetha (Iiyure: 2)** | |
| | **Ubuchule bokuphulaphula nokuthetha:**<br>**A. Ukuphulaphulela ulwazi:**<br>Baxoxa ngomfanekiso.<br>**Umsebenzi owenziwayo:**<br>Utitshala ungena eklasini ephethe umfanekiso. Abafundi ubabuza imibuzo ngomfanekiso lowo ngenjongo zokukhangela ulwazi abanalo.<br>**B. Ukubalisa ibali:**<br>Baxoxa ngebali.<br>**Umsebenzi owenziwayo:**<br>Baphulaphula ibali abalifundelwa ngutitshala. Utitshala ubabuza imibuzo ngebali elo. Uvula ithuba lokuba baxoxe kumaqela abo malunga nebali elo. | |
| | **Ukufunda nokubukela (Iiyure: 3:30)** | |
| | **A. Itekisi yoncwadi enjengenoveli:** Kuxoxwa ngokubanzi ngomahluko ophakathi kwenoveli nedrama.<br>**Umsebenzi owenziwayo:**<br>Bafunda bazame ukufundisana ngamanqanaba esakhiwo sebali sencwadi enjengenoveli<br>**B. Kuxoxwa ngombongo:**<br>Kuxoxwa ngokubanzi ngendima yombongo.<br>**Umsebenzi owenziwayo:**<br>Utitshala ubafundela umbongo osencwadini yabafundi. Uyabahlula babe ngamaqela ukuze kwiqela ngalinye kufunde umfundi abe mnye. Utitshala ubabuza malunga nombongo lowo. | |
| | **Ukubhala nokunikezela (Iiyure: 4:30)** | |
| | **Ukubhala Itekisi yoncwadi: Ibali elifutshane:**<br>Kuxoxwa ngebali elifutshane.<br>**Umsebenzi owenziwayo:**<br>Baxoxa ngamanqanaba ebali elifutshane. Utitshala ubabuza imibuzo ngebali elo. Uvula ithuba utitshala ukuba baxoxe kumaqela abo. | |
| | **Imiba yegrama nolwimi (Iiyure: 1)** | |
| | Izakhi nemigaqo yokusetyenziswa kolwimi: Imisetyenzana eyenziwayo:<br>Izakhi zezibizo, isimaphambili, ingcambu, isimamva, isinye, isininzi, izenzi, amaxesha ezenzi, ixesha elimiyo, izithetha-ntonye, izichasi, oomabizwafane, izafobe, impoxo, umbuzo-buciko, ukulungisa kwendlela zopelo, ukushiywa kwamagama, isifinyezi. | |
| | **Indlela yokuhlola** | |
| | Baphendula imibuzo katitshala. Bazivavanya ngokuphendula imibuzo esekupheleni kwesiqendu. | |

| Iveki | Isihloko | Amanqaku katishala |
|---|---|---|
| **Iveki yesi-9 neye-10** | **Sigcina iingingqi zethu zicocekile**<br>**Incwadi Katitshala:**<br>**Amaphepha 45-54**<br>**Incwadi Yomfundi:**<br>**Amaphepha 193-209** | |
| | **Ukuphulaphula nokuthetha (Iiyure: 2)** | |
| | **Ubuchule bokuphulaphula nokuthetha.**<br>**A. Ukuphulaphula itekisi efundwa ngokuvakalayo: Ibali elifutshane:**<br>Kuxoxwa ngebali elifutshane.<br>**Umsebenzi owenziwayo:**<br>Baphulaphula kutitshala ebafundela ibali elifutshane. Bafunda ngamanqanaba esakhiwo lwebali. Utitshala ubabuza imibuzo ngenjongo yokukhangela ulwazi lwabo.<br>**B. Ukufunda ngokuvakalayo okulungiselelweyo:**<br>Kuxoxwa banzi ngokuvakalayo okulungiselweyo.<br>**Umsebenzi owenziwayo:**<br>Baphulaphula kutitshala ebachazela imigaqo ephambili malunga nokufunda ngokuvakalayo. Benza eyabo imizekelo iklasi iphulaphule. | |
| | **Ukufunda nokubukela**<br>**(Iiyure: 3:30)** | |
| | **A. Itekisi yoncwadi: Ibali elifutshane:**<br>Kuxoxwa ngebali elifutshane.<br>**Umsebenzi owenziwayo:**<br>Bamamele ibali elifutshane elifundwa ngutitshala. Abafundi babhala phantsi amagama abangawaziyo. Baze bacele utitshala abaxelele intsingiselo zawo xa ithuba livuma.<br>**B. Isihobe:**<br>Kuxoxwa ngombongo.<br>**Umsebenzi owenziwayo:**<br>Utitshala ubafundela umbongo aze abaxelele ngeempawu eziphambili zombongo.<br>**C. Ukufundela ukuqonda:**<br>Kuxoxwa gabalala ngoko kubonakala kumfanekiso.<br>**Umsebenzi owenziwayo:**<br>Bakrwaqula umfanekiso, bethe cwaka. Baphendula imibuzo efuna ukuqonda ukuba bayifumene na intsingiselo koko bebefunda ngako. | |
| | **Ukubhala nokunikezela (Iiyure: 4:30)** | |
| | **Isincoko esixoxayo:**<br>Baxoxa ngeendidi zezincoko.<br>**Umsebenzi owenziwayo:**<br>Kuxoxwa ngendlela esahluke ngayo isincoko esixoxayo kwezinye iintlobo zezincoko. Phambi kokubhala kugxininiswa kule miba ilandelayo: Ukucwangcisa, ukwenza uyilo, ukuhlaziya, ukuhlala, ukulungisa iziphene nokunikezela. | |
| | **Imiba yegrama nolwimi (Iiyure: 1)** | |
| | **Izakhi nemigaqo yokusetyenziswa kolwimi: Imisetyenzana eyenziwayo:**<br>Izibizo, izenzi, izixando zezenzi, umhlathi oyintshayelelo, umhlathi onika inkcazelo, umhlathi osisiphelo, ulwakhiwo lwesivakalisi, iintlobo zezenzi, izithetha-ntonye, isichasi, oomabizwafane, izafobe, iindlela zopelo, iindidi zeempawu zokubhala. | |


Shuter & Shooter PUBLISHERS (PTY) LTD

## Ikota yesi-4

| Iveki | Isihloko | Amanqaku katishala |
|---|---|---|
| **Iveki yoku-1 neyesi-2** | **Siyakhenketha**<br>**Incwadi Katitshala:**<br>**Amaphepha 141-148**<br>**Incwadi Yomfundi:**<br>**Amaphepha 210-224** | |
| | **Ukuphulaphula nokuthetha (Iiyure: 2)** | |
| | **Ubuchule bokuphulaphula nokuthetha: Isicatshulwa esiphulaphulwayo:**<br>**Itekisi ebhaliweyo:**<br>Baphulaphula utitshala ebafundela isicatshulwa. Utitshala ubabuza imibuzo malunga nesicatshulwa eso.<br>**B. Incoko: Ingxoxo esekelwe kwiphephandaba:**<br>Kuxoxwa banzi ngenqaku lephephandaba.<br>**Umsebenzi owenziwayo:**<br>Baphulaphula utitshala ebacacisela ngendlela olusetyenziswa ngayo ulwimi kwingxoxo, isimbo nerejista ngokufanelekileyo. | |
| | **Ukufunda nokubukela (Iiyure: 3:30)** | |
| | **Ukufunda inqaku lemagazini:**<br>Kuxoxwa ngokuvakalayo ngomahluko ophakathi kwenqaku lemagazini nelephephandaba.<br>**B. Isihobe:**<br>Kuxoxwa ngombongo.<br>**Umsebenzi owenziwayo:**<br>Utitshala ubafundela umbongo baze kulo mbongo bakhuphe iimpawu zokuhlalutya umbongo ezinjenge safobe, Isakhiwo sangaphakathi.<br>Utitshala ubabuza imibuzo ngenjongo yokukhangela ulwazi lwabo.<br>**C. Ukufunda ngenjongo yokufumana ulwazi ngokusebenzisa Itekisi ebonwayo:**<br>Utitshala ubabuza imibuzo ebhekisele kumfanekiso lowo ubonwayo. | |
| | **Ukubhala nokunikezela (Iiyure: 4:30)** | |
| | **Ukubhala umhlathi omde: Inqaku lephephandaba:** Kuxoxwa banzi ngenqaku lephephandaba.<br>**Umsebenzi owenziwayo:**<br>Utitshala uza nomzekelo wenqaku lephephandaba lize lifundwe ngabafundi bencediswa ngutitshala. Baxoxa ngesakhiwo sephephandaba kunye nobude baso. | |
| | **Imiba yegrama nolwimi (Iiyure: 1)** | |
| | **Izakhi nemigaqo yokusetyenziswa kolwimi:Imisetyenzana eyenziwayo:**<br>Isinye nesininzi, isini, isinciphiso, intetho- ngqo, ingxelo-ntetho, iindidi zemibuzo, inyani noluvo, Isakhiwo sezivakalisi, ubumbolo-mbini bezivakalisi, ilizwi, izikhankanyi, izithetha-ntonye, izichasi, Isihlonipho, omabizwafane, intsingiselo ecacileyo nefihlakeleyo: ezekelisayo, iimpawu zocaphulo, iindlela zopelo. | |
| | **Indlela yokuhlola** | |
| | Baphendula imibuzo. Bazivavanya ngokuphendula imibuzo bemana bebuzana kwimisebenzi abayenzileyo. | |

| Iveki | Isihloko | Amanqaku katishala |
|---|---|---|
| **Iveki yesi-3 neyesi-4** | **Konwatyiwe kwantonjane**<br>**Incwadi Katitshala:**<br>**Amaphepha 149-158**<br>**Incwadi Yomfundi:**<br>**Amaphepha 225-237** | |
| | **Ukuphulaphula nokuthetha (Iiyure: 2)** | |
| | **Ubuchule bokuphulaphula nokuthetha:**<br>**A. Ingxoxo mpikiswano:**<br>Abafundi baxoxa banzi ngengxoxo mpikiswano.<br>**Umsebenzi owenziwayo:**<br>Baphulaphula utitshala ebafundela ingxoxo. Babuzwa imibuzo malunga nengxoxo leyo ngenjongo yokukhangela ulwazi abanalo.<br>**B. Ingxoxo mpikiswano ngokwamaqela:**<br>Baxoxa banzi ngokwamaqela.<br>**Umsebenzi owenziwayo:**<br>Abafundi mabaphulaphul banzi kutitshala oko kuxoxwa ngako baphendule imibuzo malunga noko bebekuphulaphule. | |
| | **Ukufunda nokubukela (Iiyure: 3:30)** | |
| | **Itekisi yoncwadi elibali elifutshane:**<br>Baxoxa banzi ngebali elifutshane.<br>**Umsebenzi owenziwayo:**<br>Baphulaphula ibali elifutshane abalifundelwa ngutitshala. Ubabuza imibuzo ngenjongo yokukhangela ulwazi lwabo.<br>**B. Isihobe:**<br>Baxoxa ngombongo.<br>**Umsebenzi owenziwayo:**<br>Baphulaphula umbongo abawufundelwa ngutitshala baze baphendule imibuzo leyo bayibuzwa ngutitshala.<br>**C. Ukufunda isicatshulwa:**<br>Baxoxa ngesicatshulwa.<br>**Umsebenzi owenziwayo:**<br>Baphulaphula isicatshulwa abasifundelwa ngutitshala aze ababuze imibuzo ngenjongo yokukhangela ulwazi lwabo. | |
| | **Ukubhala nokunikezela (Iiyure: 4:30)** | |
| | **Ukubhala umhlathi: Ungeniso kwidayari:**<br>Baxoxa ngemo/ ifomathi efanelekileyo yokubhala idayari.<br>**Umsebenzi owenziwayo:**<br>Baphulaphule utitshala ebafundisa inldela efanelekileyo yokubhala idayari. Babhala ezabo idayari baze banikezele kutitshala. | |
| | **Imiba yegrama nolwimi (Iiyure: 1)** | |
| | **Izakhi nemigaqo yokusetyenziswa kolwimi: Imisetyenzana eyenziwayo:** Intsingiselo ecacileyo nefihlakeleyo, izafobe, izihlomelo, izichazi<br>ezakhiwe kwezinye Izigaba zentetho, amaxesha ezenzi, iintlobo zezivakalisi, ulwakhiwo lwezivakalisi, intetho-ngqo nengxelo-ntetho, intetho, inyani noluvo, ubumbolo-mbini bezivakalisi, iindlela zopelo, isingxi, ikoma, onobumba abakhulu nezinye. | |
| | **Indlela yokuhlola** | |
| | Baphendula imibuzo Bazivavanya ngokuphendula imibuzo bemana bebuzana kwimisebenzi abayenzileyo. | |

| Iveki | Isihloko | Amanqaku katishala |
|---|---|---|
| **Iveki yesi-5 neyesi-6** | **Ukubaluleka kwesiko kwaXhosa**<br>**Incwadi Katitshala:**<br>**Amaphepha 159-168**<br>**Incwadi Yomfundi:**<br>**Amaphepha 238-250** | |
| | **Ukuphulaphula nokuthetha (Iiyure: 2)** | |
| | **Ubuchule bokuphulaphula nokuthetha:**<br>**A. Ukuphulaphula Itekisi efundwa ngokuvakalayo:**<br>Baxoxa banzi ngetekisi leyo.<br>**Umsebenzi owenziwayo:**<br>Baphulaphula imibuzo abayibizwa ngutitshala ngenjongo yokukhangela ulwazi abanalo.<br>**B. Ingxoxo yababini isekelwe kwitekisi efundwa ngokuvakalayo.**<br>Baxoxa banzi ngetekisi leyo ifundwayo.<br>**Umsebenzi owenziwayo:**<br>Utitshala uyababuza imibuzo ngetekisi leyo. Baqwalasela nemigaqo esetyenzisiweyo kunye namagama azimeleyo asetyenzisiweyo ukugcina ingxoxo. | |
| | **Ukufunda nokubukela (Iiyure: 3:30)** | |
| | **Itekisi yoncwadi engumdlalo:**<br>Baxoxa banzi noncwadi ongumdlalo.<br>**Umsebenzi owenziwayo:**<br>Baphulaphula utitshala ebafundela incwadi endumdlalo. Baphendula imibuzo ebuzwa ngutitshala emalunga nomdlalo lowo ekhangela ukuba baqonda kangakanani na.<br>**B. Isihobe:**<br>Baxoxa ngombongo.<br>**Umsebenzi owenziwayo:**<br>Baphulaphula umbongo abawufundelwa ngutitshala baze baphendule imibuzo leyo bayibuzwa ngutitshala.<br>**C. Isicatshulwa esifundwayo: ingxoxo yababini:**<br>Baxoxa banzi ngesicatshulwa eso sengxoxo yababini.<br>**Umsebenzi owenziwayo:**<br>Baphulaphule utitshala ebafundela isicatshulwa, ebanika nomxholo wengxoxo yababini. Baphendula imibuzo ebuzwa ngutitshala ebonisa ukuqonda malunga nengxoxo leyo. | |
| | **Ukubhala nokunikezela (Iiyure: 4:30)** | |
| | **Ingxelo yokuntathela:**<br>Baxoxa banzi ngengxelo.<br>**Umsebenzi owenziwayo:**<br>Utitshala ubafundela umzekelo wengxelo yentatheli. Baxoxa ngeengongoma eziphuhlisa intsingiselo, isiqu nesiphelo. | |
| | **Imiba yegrama nolwimi (Iiyure: 1)** | |
| | Izakhi nemigaqo yokusetyenziswa kolwimi: Imisetyenzana eyenziwayo:<br>Izithetha ntonye nezichasi, izibizo, izihlomelo, iziphawuli, izibaluli, izimnini, izimelabizo: izimelabizo soqobo sokugxininisa, isimelabizo soquko, inkqubo, ukuthelekisa, umhlathi ochazayo, umhlathi wokuvula/ oyintshayelelo, umhlathi osisiphelo, izivakalisi ezimbaxa, intetho. | |
| | **Indlela yokuhlola** | |
| | Baphendula imibuzo abayifumana kumaphepha eemviwo zeminyaka edlulileyo. | |

| Iveki | Isihloko | Amanqaku katishala |
|---|---|---|
| **Iveki yesi-7 neyesi-8** | **Silwa neengozi ezindleleni**<br>**Incwadi Katitshala:**<br>**Amaphepha 169-178**<br>**Incwadi Yomfundi:**<br>**Amaphepha 251-264** | |
| | **Ukuphulaphula nokuthetha (Iiyure: 2)**<br>**Ukulungiselela uviwo:**<br>**A. Ukuthetha: Intetho elungiselelweyo/ ingxoxo-mpikiswano/ udliwano- ndlebe/ incoko**<br>**Umsebenzi owenziwayo:** Utitshala ubabuza imibuzo ukulungiselela uviwo.<br>**B. Isicatshulwa esiphulaphulwayo:**<br>Utitshala ubafundela isicatshulwa esiphulaphulwayo.<br>Umsebenzi owenziwayo:<br>Bayasiphulasisa ukuze ekupheleni kuveleimibuzo ngenjongo yokukhangela ukuqonda kwabo. | |
| | **Ukufunda nokubukela (Iiyure: 3:30)** | |
| | **Ukulungiselela uviwo:**<br>**A. Ukufunda**<br>Baxoxa ngesicatshulwa esifundwayo.<br>**Umsebenzi owenziwayo:**<br>Baphulaphula utitshala ebafundela isicatshulwa. Baphendula imibuzo ebhekiselele kwisicatshulwa eso ngenjongo yokukhangela ulwazi lwabo.<br>**B. Uncwadi:**<br>Baxoxa ngokubanzi ngoncwadi.<br>**Umsebenzi owenziwayo:**<br>Baphulaphule utitshala ebafundela ibali elisencwadini. Baphendula imibuzo abayibuzwa ngutitshala malunga nebali elo. | |
| | **Ukubhala nokunikezela (Iiyure: 4:30)** | |
| | **Ukulungiselela uviwo**<br>**A. Izincoko:**<br>Baxoxa ngezincoko.<br>**Umsebenzi owenziwayo:**<br>Utitshala uyabakhumbuza ngokuxoxa ngemiba yezincoko kwakunye nendidi zazo. Babhala amanqaku phantsi malunga ngodidi ngalunye ukulungiselela uviwo.<br>**B. Imihlathi:**<br>Baxoxa ngemihlathi utitshala wabelana nabo ngolwazi malunga nendidi zemihlathi ekufundwe ngayo phakathi enyakeni. Bathatha amanqaku bawabhale phantsi ukuze bazihlaziye ngawo. | |
| | **Imiba yegrama nolwimi (Iiyure: 1)** | |
| | **Izakhi nemigaqo yokusetyenziswa kolwimi: Imisetyenzana eyenziwayo:**<br>Bahlaziya ulwazi lwabo ngokuthi baphendule imibuzo emalunga nemigaqo yokusetyenziswa kolwimi.<br>Indlela yokuhlola<br>Baphendula imibuzo abayifumana kumaphepha eemviwo zeminyaka edlulileyo ngeenjongo zokuzivavanya. | |


Shuter & Shooter PUBLISHERS (PTY) LTD

| Iveki | Isihloko | Amanqaku katishala |
|---|---|---|
| **Iveki yesi-9 neye-10** | **Imisebenzi yokuhlola esesikweni neemviwo zokuphela konyaka**<br>**Incwadi Katitshala:**<br>**Amaphepha 178**<br>**Incwadi Yomfundi:**<br>**Amaphepha 265-268** | |
| | **Indlela yokuhlola** | |
| | **Ukuhlola: Ikota yesi-4: Umsebenzi woku- 1: I-orali:** Ingxoxo mpikiswano/ ingxoxo yeqela/ ingxoxo yababini.<br>**Umsebenzi wesi -2:** Iimviwo zokuphela konyaka.<br>**Iphepha lesi-2: Ukubhala: Icandelo A:** Isincoko.<br>Icandelo B: Imihlathi. Iphepha lesi-<br>3: Isicatshulwa nokusetyenziswa kolwimi noncwadi.<br>**Icandelo A:** Isicatshulwa nokusetyenziswa kolwimi.<br>**Umbuzo2:**<br>Izakhi nemigaqo yokusetyenziswa kolwimi<br>**Umbuzo3:**<br>**Icandelo B:** Uncwadi.<br>**Umbuzo1:** Isihobe.<br>**Umbuzo2:** Inoveli:<br>Kufundwa ngamava: | |

Shuter & Shooter PUBLISHERS (PTY) LTD

SHUTERS e LEARNING

Most of our titles are also available as e-Books!

For more information, contact:

- Customer Services: 033 8468721/22/23
- Visit our website www.shuters.com

Or scan the QR Business Card shown here:

Compatible with:

more than just paper behind glass

CAPS APPROVED

# ISICWANGCISO NOKULANDELE

Ingafumaneka kule webhusayithi: www.shuters.com

Shuter & Shooter